



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUARY/MARCH 2009

(WESTERN CAPE)

AMANQAKU: 120

IXESHA: 2 ½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-18.


IMIYALELO

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo AMANE angala:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B: Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C: Ukusetyenziswa kolwimi	(60)
ICANDELO D: Uncwadi	(20)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA uze ukrwele umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.
4. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
6. Landela imiyalelo ngocoselelo.
7. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
8. Qwalasela upelo nolwakhiwo Iwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

1.1 Funda isicatshulwa uze uphendule imibuzo.

VUKA UZENZELE

UVuyokazi: Molo Sipho. Yhu, intle le vazi!

USipho: Enkosi, Vuyokazi. Ndiyenze le vazi ngezandla zam.

UVuyokazi: Iivazi zakho zenziwa ngantoni, Sipho?

USipho: Zenizwa ngomdongwe.

UVuyokazi: Hayi, zintle kakhulu, bhuti. Ndithanda ezi vazi zinamabalabala. Uzithengisa phi?

USipho: Ndizithengisa ngasendleleni eya eRhini. Abakhenkethi nabaqhubi bemoto bayazithenga. Ezinye iivazi zithengiswa ezivenkileni ezithengisa izinto ezenziwe ngezandla.

UVuyokazi: Uqale njani lo msebenzi, Sipho?

USipho: Yhu, libali elide elo!

UVuyokazi: Khawundixelele. Ndifuna ukuva. Ndinomdla kulo msebenzi wakho.

USipho:	Utata nomama babengaphangeli ndisemncinane. Sasingenamali yokuthenga into yokutya. Saswela imali yerente kunye nemali yeempahla. Ndandilamba kakhulu.
UVuyokazi:	Imbi loo nto!
USipho:	Ewe imbi kakhulu. Ndandithanda ukusebenzisa izandla zam ndenze izinto ezintle. Ndaqala ukuzenza ndazithengisa ndafumana ukuba ziyathengwa ngabantu kakhulu! Ngoku, ezi vazi zithengwa kumazwe ngamazwe! Xa ungasebenzi uyasokola.
UVuyokazi:	Uchan' uchwethe! Wenza ntoni ngoku ngemali oyifumumanayo?
USipho:	Ndenza izinto ezininzi ngayo. Okokuqala ndiyayilondoloza ebhankini. Okwesibini, ndinceda abazali bam ngerente nangokuthenga ukutya. Ndiyayisebenzisa ukuthenga izinto eziyimfuneko ekwakheni kwiivazi zam. Ndilondoloza imali kuba ndingathanda ukufunda eyunivesithi ndivule eyam ivenkile ngenye imini.
UVuyokazi:	Tyhini, unamacebo! Uza kuba sisityebi ngenye imini.
USipho:	Mhlawumbi kuza kuba njalo, Vuyokazi kodwa mna, andifuni ukuba sisihandiba. Ndifuna ukuphila ubomi obunovuyo.
UVuyokazi:	Ndiyavumelana nawe kodwa kungcono ukungacingi ngemali yonke imihla.
USipho:	Unyanisile. Wenza ntoni wena kule mihla, Vuyokazi?
UVuyokazi:	Mna, bendityelele iGrahamstown Arts Festival kule nyanga iphelileyo ndabona ubuhle bemisebenzi yezandla. Ndikhumbule utitshala wam owandifundisa ukuba ukusebenza ngezandla kuyamakha umntu. Wathi umntu angakwazi ukuziphilisa ngokuthunga, ukulungisa imibhobho yamanzi, ukwakha, ukulima nokusebenzisa ubugcisabekhompyutha. Nam ndiqale ndakhumbula ukuba ndandikhe ndasebenza notata wam esaphila. Sasilungisa iimoto egaraji yethu. Ndigoduke ndakhangelia izixhobo zokulungisa iimoto zikatata. Ndizifumene ndenza isigqibo sokuba ndiza kulungisa iimoto zabanye abantu ndizuze imali ngolu hlobo.
USipho:	Yhu, ndiyavuya kakhulu. Nawe uza kusebenza ngezandla uziphilise!


[Kucatshulwe kwiBona magazini kaDisemba 2007]

IMIBUZO:

- 1.1.1 USipho uthengisa ntoni? Khetha kwezi mpendulo:
 A Impahla yokunxiba
 B livazi (1)
- 1.1.2 Uthengisa kweyiphi indawo uSipho? (1)
- 1.1.3 Izinto zikaSipho zithengwa ngoobani? (2)
- 1.1.4 Nika izizathu ezibini ezenza ukuba uSipho athengise iivazi? (2)
- 1.1.5 Ucinga ukuba lo msebenzi kaSipho unengeniso? Kutheni usitsho? (2)
- 1.1.6 Izandla zomntu zinganceda njani ebomini? (1)
- 1.1.7 Nika igama lomntu oncoma umsebenzi kaSipho? (1)
- 1.1.8 Yintoni kanye eyenza uVuyokazi abe nomdla ukusebenza ngezandla zakhe? (1)
- 1.1.9 livazi zikaSipho zenziwa ngantoni? (1)
- 1.1.10 Yitscho ukuba oku kungezantsi kuYINYANI na okanye BUBUXOKI.
 A Ulwazi nezandla ziyamakha umntu. (1)
 B UVuyokazi naye wafuna ukuthengisa iivazi. (1)
- 1.1.11 Kwakuhlala ntoni egaraji yakuloVuyokazi? (1)
- 1.1.12 Nika imisebenzi ibe mibini umntu anokuyenza ngezandla zakhe exeliwego kwesi sicatshulwa. (2)
- 1.1.13 Jonga kumfanekiso ongentla kwakhona. Zingaphi iivazi ezikulo mfanekiso? (1)
- 1.1.14 UVuyokazi wafundiswa ngubani lo msebenzi awukhethileyo? (1)
- 1.1.15 Utata kaVuyokazi usaphila na? (1)
- [20]

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

- 1.2 Funda esi sicutshulwa sihamba nomfanekiso ukuze uphendule imibuzo elandelayo.

**UMBUZO:**

- 1.2.1 Yitsho ukuba YINYANI okanye BUBUXOKI esi sivakalisi singezantsi.

Kule mifanekiso kukho iintombi nabafana abadanisayo. (1)

- 1.2.2 Lithini igama leSenta ekuthethwa ngayo? (1)

- 1.2.3 Kwenziwa ntoni kule Senta? (2)

- 1.2.4 Lithini igama lomdlalo wethiyetha kaMbali? (1)
- 1.2.5 Xela amazwe amabini aphesheya kolwandle uMbali akhe wadlala kuwo. (2)
- 1.2.6 (i) Abantu abanxibe impahla yakwaNtu bakowuphi umfanekiso? U-A okanye u-B? (1)
- (ii) Abantu abanxibe impahla yaseNtshona bakowuphi umfanekiso? U-A okanye u-B? (1)
- 1.2.7 YINYANISO okanye BUBUXOKI. Iqela likaMbali seliwakhenkethile amaphondo amathathu eMzantsi-Afrika kulo nyaka. (1)

AMANQAKU ECANDELO A: **30**

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze usishwankathele ngamagama angama-40 ukuya kuma-50. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Bhala izivakalisi ezisixhenxe uthethe ngeengxaki zale mihla eMzantsi-Afrika Isivakalisi ngasinye masithethe ngengxaki enye. (7)
2. Bhala ngawakho amazwi usebenzise ulwimi olufanelekileyo. (2)
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo. (1)

UMZANTSİ AFRIKA

UMzantsi Afrika unemveliso eninzi. Kukho imigodi enezimbiwa ezininzi ezifana namalahle, igolide needayimani. Ngaphandle kwale nto kukho abantu abaninzi abangenamali yokuphila. Intlupheko yinto embi eMzantsi Afrika.

Ukuya lilungelo lomntu ukuze aphile kodwa kule mihla ukuya kuxabisa imali eninzi. Impilo yabantu iba mbi xa kungekho ukuya okwaneleyo. Le meko ibangela izifo ezininzi. Enye ingxaki ekhoyo kweli yeokuba amaxabiso amafutha (ipetroli, idizile neparafini) ezithuthi asoloko enyuka ngenyanga. Abafundi abasebenzisa izithuthi zikawonke-wonke abakwazi ukubhatalela amatikiti abo ezithuthi. Endaweni yokuya esikolweni abafundi bahlala ekhaya bangafundi.

Ixabiso lombane nalo liyanyuka. Abanye abakwazi ukubhatalela umbane. Endaweni yokupheka esitovini abanye babasa umlilo bapheke kuwo. linkuni zinqabile ezixekweni kwaye zifuna imali eninzi. Ngamanye amaxesha umbane uyacinywa yi-Eskom. Le nto ibangela iingxaki ezininzi: ukutya kuyabola, abafundi abakwazi ukufunda ngaphandle kwezibane kwaye iifiktri azikwazi ukuvelisa iimveliso zazo.

abantu abaninzi abanamisebenzi. Abanye bazama ukufumana imali ngendlela engalunganga (engekho semthethweni). Kukho abantu abaqhekeza izindlu nabantu abaxhwila iimoto zabanye. Kule mihla abemi baziva bengakhuselekanga. libhanki ziyazithatha izindlu zabantu abangakwazi ukuzibhatala izavenge ekupheleni kwenyanga. URhulumente wethu makaqale acinge ngabantu abahluphekileyo. Kufuneka uRhulumente abe necebo eliza kusombulula zonke ezi ngxaki sinazo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

- 3.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi ukuze ufaakele izichasi zamagama abhalwe bukekelo akuso. Jonga umzekelo owunkiwewo.

Umzekelo: UNomazizi ungumntu *omde*.

Impendulo: UNomazizi ungumntu *omfutshane*.

"Mfondini musa ukuncokola kakhulu nam kuba (3.1.1) *ndiyavuya*. Mna, ndiya kukuphendula (3.1.2) *kakuhle*," uwathethe la mazwi lo mfo (3.1.3) *ehleka*. (3)

- 3.2 Funda ezi zivakalisi zibini. Amagama akrwelwe umgca ngaphantsi abonisa ntoni? Khetha kwezi:

- a. Ubuncinane bokuzalwa
- b. Ubuncinane bento
- c. Isini

3.2.1 Undipha oku kutyan ndilambe kangaka? (1)

3.2.2 Unina walwamkela usana lwakhe. (1)

3.2.3 Ndiza kutsala intwan yegazi. Uyeva? (1)

- 3.3 Jonga lo mzekelo ulandelayo uze ubhale esi sivakalisi kwisinini.

Umzekelo: Inja iyakhonkotha.

Impendulo: Izinja ziyakhonkotha.

Inkwenkwe iyakhalaza.

(2)

- 3.4 Bhala ezi zivakalisi zingezantsi kula maxesha owanikiwego. Bhala ngolu hlobo:

Isivakalisi	Ixesha langoku	Ixesha elizayo	
3.4.1 Unina wamphakela ukutya.	a.	b.	(2)
3.4.2 Ixhego lakhwela ihashe.	a.	b.	(2)

- 3.5 Jonga umzekelo owunikiwego uze ubhale ezi zivakalisi kwimo elandulayo.

Umzekelo: Umalume usenga inkomo.

Impendulo: Umalume akasengi nkomo

- 3.5.1 UThemba ufunu ukuhamba. (1)
- 3.5.2 Abantwana bafunde isifundo izolo. (1)
- 3.5.3 Izilwanyana bezisela amanzi. (1)

- 3.6 Bhala izimelabizo zamagama akrwelwe umgca ngaphantsi. Khetha kula magama angezantsi. Bhala igama kuphela.

[lona; thina; bona; yona]

- 3.6.1 uSipho noNomsa bayasithanda isikolo. (1)
- 3.6.2 Mna nomama siya evenkileni. (1)
- 3.6.3 Imvula iyana. (1)

- 3.7 Bhala imiyalelo usebenzise ezi zivakalisi zilandelayo:

Umzekelo: Utitshala ufunu ukuba uSipho abhale kakuhle.

Impendulo: Bhala kakuhle, Sipho!

- 3.7.1 Inqununu ifuna ukuba abafundi bafike ngexesha. (2)
- 3.7.2 Utitshala akafuni ukuba abafundi bangxole. (2)





- 3.8 Khetha kuluhlu lwamagama owanikiwego uvale izikhewu kwizivakalisi ezilandelayo. Bhala igama kuphela ecaleni kwenombolo.

[Isithethi; ukuthetha; izithethi; imithetho; intetho; umthetho]

- 3.8.1 UNomsa uyakuthanda ... ezintlanganisweni. (1)
- 3.8.2 Umfundisi wenza ... ende. (1)
- 3.8.3 ...zathetha ngezinto ezibalulekileyo. (1)
- 3.8.4 Kufanele umqhubi ayilande ... yendlela. (1)

3.9 Ezi zilwanyana zihlala phi? Khetha kwezi ndawo:

[ekhaya; ebuhlanti (esibayeni); ehlathini; emithini; elwandle]



- | | | |
|-------|----------|-----|
| 3.9.1 | lintaka | (1) |
| 3.9.2 | Inkomo | (1) |
| 3.9.3 | Inja | (1) |
| 3.9.4 | lindlovu | (1) |

3.10 Lungisa amagama akrwelwe umgca ngaphantsi.

Kukho abantwana ababalwa 3.10.1 abafunda isiXhosa esikolweni zethu
 3.10.2. Bona bafunda iilwimi ezinthathu 3.10.3. Impumelelo yeli lizwe
 isezaandleni zabo.

(3)
[33]

UMBUZO 4

4.1 Bhala ii-Akhronim zala magama alandelayo.

Umzekelo: iSouth African Breweries
 Impendulo: iSAB

- | | | |
|-------|-------------------------|-----|
| 4.1.1 | iFirst National Bank | (1) |
| 4.1.2 | iKentucky Fried Chicken | (1) |

4.2 Bhala la magama akrwelwe umgca ngaphantsi ngesiXhosa esilungileyo.
 Bhala amagama kuphela.

I -Old lady (4.2.1)lam lindiphe imali netshomi (4.2.2)yam. (2)

- 4.3 Jonga lo mzekelo uze ubhale izivakalisi ezivakalayo ngamagama owanikiwego.

Umzekelo: yendlu

Impendulo: UNomsa uthenge impahla *yendlu*.

- 4.3.1 zabafundi
4.3.2 ezimhlophe
4.3.3 abadala

(1)
(1)
(1)

- 4.4 Nika igama libe linye endaweni yesivakalisi. Zikhumbuze ngokujonga kule mifanekiso ilandelayo.

Umzekelo: Abantu balima imifuno kule ndawo.


Impendulo: Yigadi/yintsimi/sisitiya

Umzekelo



A

B



- 4.4.1 Indawo apho kufumaneka khona iincwadi ezininzi zokufunda. (kumfanekiso A) (1)

- 4.4.2 Abantwana abanxiba iyunifom yesikolo. (kumfanekiso A) (1)

- 4.4.3 Umntu okwazi ukukhulisa umntwana wakhe ngendlela efanelekileyo. (kumfanekiso B) (1)

4.5 Bhala esi sivakalisi silandelayo kwingxelo-ntetho.


Umzekelo: "Usana luyalila", utshilo umama.

Impendulo: Umama uthe usana luyalila.

"Imoto indigilile", utshilo uVelile.

(3)

4.6 UTasneem usendlwini yakhe ufunu ukuya esikolweni. Mxelele indlela eya esikolweni.



(4)

4.7 Yenza imibuzo ehamba nezi mpendulo.

Umzekelo: Kukho abafundi abalishumi elinesihlanu kwiqela lombhoxo.

Impendulo: Kukho abafundi abangaphi kwiqela lombhoxo?

4.7.1 Ndiza kufunda isiXhosa ngentsimbi yesine.

(1)

4.7.2 Isoka idlalwa yindoda.

(1)

4.8 Lungisa amagama akwizibiyeli ubhale igama kuphela.

- 4.8.1 Indoda ifike (-tya) isidlo sangokuhlwa. (1)
- 4.8.2 Inja (umama) ilume ummelwane wethu. (1)
- 4.8.3 Usana (-ncinci) luza kufumana ibhotile. (1)
- 4.8.4 Utitshala wethu uyasinika umsebenzi (nzima). (1)
- 4.8.5 Hambani ngqo (-jiki) ekhohlo. (1)

4.9 Fakela izalathandawo ezifanelekileyo kwezi zivakalisi zilandelayo. Bhala igama kuphela.

Umzekelo: Utitshala ubhala (ibhodi).

Impendulo: ebhodini

- 4.9.1 Igqwetha lingene (inkundla). (1)
- 4.9.2 Hamba uye (idolophu)! (1)
- 4.9.3 Sanukuhlala (iidesika), bantwana! (1)

[27]

AMANQAKU ECANDELO C: **60**

ICANDELO D: UNCWADI**IMIYALELO:**

1. Khetha incwadi ENYE kuphela uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
2. Ukuba ukhetha *UNgodongwana* uze uphendule UMBUZO 5.1 kunye no 5.2.
3. Ukuba ukhetha *Iholide ebiweyo* uze uphendule UMBUZO 6.1 kunye noMBUZO 6.2.

UMBUZO 5***UNgodongwana – PM Ntloko***

- 5.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo.

(Emzini kaNodunge. Kungena uNozenza nabazali bakhe.)

- | | | |
|----|-----------|--|
| 1 | UNODUNGE: | Nozenza, ubunjani umdudo wenu namhlanje?
Yiyiphi intombi <u>evume</u> kakhulu? |
| 3 | UNOZENZA: | Inene bekuyole ngokwenene namhlanje, Bawo.
Hayi namhlanje kuphunywe nam; abafana bandixhawula emva kombhiyozo. |
| 5 | UNINA: | Ngubani na obeyintshatsheli ngokunxiba? |
| 7 | UNOZENZA: | Wo! Mama! USesiwe ubegaxele kakuhle, thina salambatha tu. |
| 9 | UNODUNGE: | Ewe bayayincoma loo ntwanazana, yaye inomkhitha kwanoluthi oluhlalwa kakuhle nazizivatho. |
| 11 | UNOZENZA: | Ehe! Ndithe xa bendikhe ndaphuma ebusuku, ndafika phandle uTana noNgodongwana bebhunga. |
| 13 | UNINA: | Bebengekho na emdudweni bona? |
| 15 | UNOZENZA: | Bebekho, Mama, baza bacela ukuba bakhe baphume phandle okwethutyana. |
| 17 | UNODUNGE: | Bebebhunga ngantoni? |
| 19 | UNOZENZA: | Hayi, Tata, andiyivanga kakuhle eyonayona nto; ndothuke nje xa ndiva <u>uNgodongwana</u> esithi, " <u>UJobe masimsuse</u> ". |

21	UNODUNGE:	Ewe yena uTana imfanele into yobukhosí <u>njengendlalifa</u> . Kodwa ke makasifumane isihlalo ngendlela engcole ngolu hlobo?
23	UNAKANOZENZA:	Hayi wethu, mus' ukuzikhathaza ngale nto. Seyinjalo woba sayithini? Okuthethiweyo kufana nokudaliwego. Yilibale.
25	UNODUNGE:	Hayi andinakuyilibala into enje. Ndifanelwe kukuyimela ngeenyawo.
27	UNAKANOZENZA:	Njani? Kutheni ngathi ufunu ukuphoxa ngomntwan'am nje umenze onolwimi?
29	UNODUNGE:	Hayi ndiya kuyihlebela inkosi, kodwa igama likaNozenza alisayi kuvela emcimbini. Kunyanzelekile ukuba uJobe mandimlumkise hleze avelelwe iuhlaselo, alahlekelwe bubomi bakhe ngesi sizathu. Ndiya kudliwa sisazela xa efe bendivile ukuba uyacetywa ngoonyana bakhe. Ndiyaya ngoku.
31		
33		
35		

IMIBUZO

- 5.1.1 Nika elinye igama elithetha into enye neli gama (isithethantonye) likrwelwe umgca ngaphantsi kumgca 2. (1)
- 5.1.2 Ngubani owayenxibe kakuhle? (1)
- 5.1.3 Amagama akrwelwe umgca ngaphantsi kumgca 19, athetha ntoni? (1)
- 5.1.4 Ngoobani uTana noNgodongwana? (1)
- 5.1.5 Yintoni "indlalifa" (kumgca 21)? Cacisa ngamazwi akho. (2)
- 5.1.6 Kwakutheni ukuze umama kaNozenza angafuni ukuba uNodunge axelele inkosi ngokubhunga okwaviwa nguNozenza? (2)
- 5.1.7 Kutheni uNodunge emlumkise uJobe? (2)
- 5.2 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

1	UDINGIWE:	Udad' obawo uvele amadoda amabini encokola, ethetha ngomfo ekuthiwa ukhe wabonwa ephethe intonga eyenza isithongakazi esishukumisa umhlaba, batsho nabantu nezilo zirhwaqele. Bathi ukhwele into emilenze mine, inomlomo neendlebe namehlo kodwa ayithethi, aysindwa nanguye. Bathi nayo le nto ilwa ngemilenze xa umntu athe wayivela ngasemva.
3		
5		
7		

	UMBANGAMBI: Utheth' intsomi ke ngoku wena, Dingiwe.
9	UDINGIWE: Inene bhuti.
11	UMBANGAMBI: Noko umntu ololo hlobo uyoyikeka. Uthi yinyaniso leyo? Asingenqweneli ukuba angeza kweli lethu icala hleze asitshabalalise isizwe sethu ngaloo ntonga yakhe inesithonga. Ehe! Ngathi neso silo akhwele kuso xa ndivayo, singatyumza senze mcaba yonke into ephezu kwehlabathi.
13	
15	
17	UDINGIWE: Hayi masiyiyeke le ncoko. Mna ndingumntu oliphakuphaku. Kunokwenzeka ukuba ngobu busuku mandoyike. Akungenyali kum ukuphupha ngayo yonke le nto ndide ndizive sendikhala ngenxa yoko.
19	
21	UMBANGAMBI: Kakade ke, Dingiwe, kwada kwacaca ukuba uNgodongwana. Waphelela phi njengoko yena engazange ade abe ubonwe efile nje?
23	UDINGIWE: Andazi bhuti. Akuvakali.
25	UMBANGAMBI: Ndisakushiya ngoku. Makhe ndiyokusenga.
	UDINGIWE: Nam Bhut' Mbangambi ndilungiselela ukuthabatha uhambo olusinga kwelamaHlubi. Kulungile masahlukane.


IMIBUZO

- 5.2.1 Kubhekiselwa kwintoni xa kusithiwa umfo "wabonwa ephethe intonga eyenza isithongakazi esishukumisa umhlaba" (kumgca 2 – 4)? (1)
- 5.2.2 Ucinga ukuba yintoni into "emilenze mine, inomlomo neendlebe namehlo" (kumgca 5 – 6)? (1)
- 5.2.3 UMbangambi uyakholelw ka kwinto ethethwa nguDingiwe? Bhala "EWE"/"HAYI" ucaphule kwisicatshulwa igama elixhasa impendulo yakho. (2)
- 5.2.4 UDingiwe waziva njani emva kwale ncoko? Kutheni usitsho? (2)
- 5.2.5 Phambi kwesi sicatshulwa uMbangambi noDingiwe bebethetha ngoNgodongwana. UMbangambi umazi njani uNgodongwana? (1)
- 5.2.6 UDingiwe walungiselela uhambo oluva phi emva kwale ncoko? (1)
- 5.2.7 UDingiwe akazange aye kuloo ndawo ekuggibeleni. Uyavumelana okanye hayi? Xhasa impendulo yakho. (2)

AMANQAKU ECANDELO D: **20**

UMBUZO 6***Iholide ebiweyo – J William noT Ntshinga***

- 6.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.




"Naluya!" wakhwaza watsho uElizabeth.

"Ndiyalubona ulwandle!" Ngexeshana elingephi basebeqhuba kufutshane nolwandle. "Lukhangeleka okwedama elikhulu, kodwa jonga indlela olushukuma ngayo!" wakhwaza esitsho uMichael. Jonga amaza negwebu lawo elimhlophe ngaphezulu. "Yho aluseluhle! watsho ngesingqala uElizabeth. "Singaya kudada tata?" wabuza uAndrew.

IMIBUZO

- 6.1.1 Usapho Iwaluhamba ngantoni ngale mini? (1)
- 6.1.2 Wawuyintoni umsebenzi kaRobert? (1)
- 6.1.3 Nguwuphi umntwana omdala kunabanye? (1)
- 6.1.4 UMichael uthe ulwandle lufana nantoni? (1)
- 6.1.5 Uhambo Iwabo oluva elwandle Iwathatha ixesha elingakanani? (1)
- 6.1.6 Kutheni uElizabeth enemincili engaka akubona ulwandle? (2)
- 6.1.7 Utata umphendule njani uAndrew obecele ukudada? Nika isizathu soko. (2)
- 6.1.8 Phambi kokunduluka usapho lukaRobert benze awaphi amalungiselelo? Bhala amabini kuphela. (2)
- 6.1.9 Phambi kokuya endlwini yabo yokukhenketha wenze ntoni uRobert? (2)

6.2 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.



- | | |
|---|---|
| 1 | URobert wayesazi ukuba kukho inombolo onokuyifowunela xa ulahle ikhadi lakho. Inombolo isoloko ibhalwe ematshinini, wabhala phantsi inombolo. |
| 3 | Kwakufuneka anike le ndoda athetha nayo kwelinye icala inombolo yakhe yesazisi. "Ndineendaba ezimbi," yatsho le ndoda. |
| 5 | "Kutsalwe imali eninzi. Kukho umntu osel'elisebenzisile ikhadi lakho. Waziva egula uRobert akufumanisa ukuba kutsalwe malini. |

IMIBUZO

- 6.2.1 Kutheni uRobert wayebhala phantsi inombolo esematshinini? (1)
- 6.2.2 Ngubani lo wayefonelwe nguRobert? (1)
- 6.2.3 Kutheni uRobert eziva egula nje? (2)
- 6.2.4 URobert wancedwa njani ngulo mntu ekuggibeleni? (1)
- 6.2.5 URobert wacinga ukuba kufuneka athenge ntoni ngemali yakhe eseleyo? (1)
- 6.2.6 OoRobert bagoduka emva kokubiwa kwekhadi lakhe? (1)

AMANQAKU ECANDELO D: 20

AMANQAKU EWONKE: 120